

# UKHUSELEKO LOKUBUYELA EMSEBENZINI



*Ngoku sowuyiqalile inkqubo yakho yokubuyela emsebenzini.*

*Kunye nenkqubo yethu eqhelekileyo yokungeniswa ezikhundleni xa sibuyela emsebenzini, siyazi ukuba kufuneka silandele amanyathelo awongezelelekileyo ukuzigcina thina kunye nabo basijikelezileyo sikhuselekile kwaye sisempilweni.*

*Uza kwenza inkqubo yokuhluzelwa intsholongwane ye-Corona, kwaye siza wukwazi ukuxoxa ngazo naziphi iinkxalabo zezonyango onokuba unazo neqela lethu lezempilo. Uza kwaziswa kananjalo ngokupheleleyo ngezinto ekufuneka sizenze kunye, emsebenzini, ukuthintela ukusasaza intsholongwane ye-Corona.*

*Kwaye ke – phambi kokuba sibe nokubuyela emsebenzini – kuza kufuneka uzivalele.*



**Into ekufuneka  
uyazi  
ngokuzivalela**



# YINTONI UKUZIVALELA?

*Ukuzivalela kuthetha ukuhlala kwindawo enye, neqela elincinane labantu, unofikelelo kukhathalelo lonyango olufanelekileyo intsuku ezili-14.*

## KUTHENI KUFUNEKA UZIVALELE?

Okokuqala, ngumthetho kwaye, thina njengenkampani, nawe njengomsebenzi, kufunwa ukuba sithobeke umthetho. Ukuba asenzi njalo, urhulumente angayivala ime imisebenzi kwaye ngeke sikwazi ukubuyela emsebenzini. Ukuba awenzi njalo, unokohlwaya okanye ude ubanjwe.

Okwesibini, ukuzivalela akuthethi ukuba unentsholongwane ye-Corona. Ithuba leentsuku ezili-14 liya kuba lixesha elaneleyo lokuba uqale ukugula ukuba ngaba ubusesichengeni. Kufuneka sazi ukuba ingaba wosulelekile na ukuze siqinisekise ukuba unofikelelo kwinkxaso yezonyango kwaye ukuze ungayidluliseli kwabanye intsholongwane.



**OKUBALULEKILEYO:** *wakube uzivalele kufuneka uhlale apho iintsuku ezili-14. Ukuba ukushiya phambi koko ukuzivalela, ungakhululwanga ngugqirha ukuba wenze njalo, uza kube wophula umthetho kwaye unokubanjwa okanye wohlwaywe.*

## KUFUNEKA WAZI KANANJALO UKUBA

**1**

Nokuba awuguli kusenokwenzeka ukuba usesesichengeni kwintsholongwane, kwaye usenokuyidlulisela kwabanye abantu. Yiloo nto kufuneka siqinisekise ukuba sonke silandela amanyathelo ethu othintelo ngalo lonke ixesha.

**2**

Abantu abaninzi abosulelekileyo abaguli kakhulu kwaphela kwaye bachacha ngokukhawuleza. Ukuba uziva ungaphilanga ngexa lethuba lokuzivalela, kufuneka uqinisekise ukuba abasebenzi bethu bezonyango bayakwazi oku ukuze baqinisekise ukuba uyavavanywa, kwaye uthunyelwe kwisibonelelo sokubeka abantu bodwa ukuze ungadluliseli intsholongwane kwabanye.

**3**

Abantu abaya kuchaphazeleka kakubi kakhulu yintsholongwane ngabantu abadala (+ 60 yeminyaka), okanye abanamajoni omzimba angalunganga ngendlela ebekufanele ukuba abe yiyo ngenxa yoxinzelelo oluphezulu lwegazi, iswekile, umhlaza okanye i-HIV/AIDS.

**4**

Nokuba wosulelwe, akuthethi ukuba ngeke wosulelwe kwixa elizayo.

# KWENZEKA NTONI EMVA KOKUZIVALELA?

*Ukuba, emva kweentsuku ezili-14 uzivalele, awuvelanga naziphi iimpawu zentsholongwane ye-Corona, uza wukwazi ukubuyela emsebenzini.*




Dawunloda i-app ye-**Harmony CONNECT** kumnxeba wakho ukufumana ulwazi olutsha okanye dayala u-**\*134 \*1120#** ukubhalisa, kunye nokuzihlola yonke imihla.

## KUZA KUFUNEKA KANANJALO:



Uhluzwe yonke imihla, njengoko ungena emsebenzini. Inxenyane yale nkqubo inokwenziwa kwi-Harmony CONNECT.



Uziqhelanise nokuvula umgama (ukuba kwimitha e-1.5 ubuncinane kude nabanye abantu) nanini na kusenzeka, ngexa usemsebenzini.



Ugcine imigangatho yezococoko elungileyo: ukuhlamba izandla zarho rhoqo, ukusebenzisa izibonelelo ezinikiweyo, ukukhohlelela okanye ukuthimlela engqinibeni yakho okanye kwithishu uze uyilahle ngokukhuselekileyo ithishu.



Unxibe i-PPE enikiweyo – iimaski neeglavu – ingakumbi kwimimandla yokusebenzela apho ukuvula umgama kunzima.

*Kwaye, khumbula ukuba sinokosulelwa yintsholongwane ngalo naliphi na ixesha kunye nakweyiphi na indawo – emsebenzini, endleleni eya emsebenzini, kwiindawo esihlala kuzo, ezitekisini, ezivenkileni, kwiindawo zethu zoluntu.*

**Ukuba sisebenza kunye, singaqinisekisa ukuba sibuyela emsebenzini sikhuselekile, kwaye siyaqhuba sisebenza, kunye nokuba sikhusele nabani na osesichengeni sesifo.**



*Ukuba unemibuzo engaphaya, tsalela inombolo yomxeba woncedo ye-Harmony COVID-19*  
**ku-0800 111 724**

# IIMPAWU ZENTSHOLONGWANE YE-CORONA

---




UMKHUHLANE



UKHOHLOKHOHLO



UMQALA  
OBUHLUNGU



IPHIKA



INTLOKO EBUHLUNGU

---